

QUEENSTOWN ADVERTISEMENTS.

PEACOCK BROS. & WEIR,

E KOMANI,

N GABATENGI abakulu Bokutya, benika awona Manani alungileyo. E Komani apa wakuke uyekuva into abayi kupayo pambi kobuba utengise nokuba kupina.

Ihabile, Ezinkozo, Inqholowa, Irasi, Imbotyi, Lertyis, Umbona, Amazimba, bahlele benawo.

A Wonderful Medicine.

BEECHAMS PILLS

For Bilious and Nervous Disorders, such as Wind and Pain in the Stomach, Sick Headache, Giddiness, Fulness, and Swelling after meals, Dizziness and Drowsiness, Cold Chills, Flushings of Heat, Loss of Appetite, Shortness of Breath, Costiveness, Blotches on the Skin, Disturbed Sleep, Frightful Dreams, and all Nervous and Trembling Sensations, &c. THE FIRST DOSE WILL GIVE RELIEF IN TWENTY MINUTES. This is no fiction. Every sufferer is earnestly invited to try one Box of these PILLS, and they will be acknowledged to be "WORTH A GUINEA A BOX."

BEECHAM'S PILLS, taken as directed, will quickly restore females to complete health. They promptly remove any obstruction or irregularity of the system. For a Weak Stomach; Impaired Digestion; Disordered Liver; they act like magic—a few doses will work wonders upon the Vital Organs; Strengthening the muscular System; restoring the long-lost Complexion; bringing back the keen edge of appetite, and arousing with the ROSEBUD or HEALTH the whole PHYSICAL ENERGY of the human frame. For throwing off fevers in hot climates they are especially renowned. These are "facts" admitted by thousands, in all classes of society and one of the best guarantees to the Nervous and Dabiltatid is that *Beecham's Pills have the Largest Sale of any Patent Medicine in the world.* Full directions with each box.

Prepared only by THOMAS BEECHAM, St. Helens, Lancashire, England.
SOLD BY ALL DRUGGISTS IN THE COLONIES.

ISAZISO SIKA

TIKOLOSHE.

NGXATSHOKE MZI ONTSUNDU

U TIKOLOSHE uyawubulela umzi Ontundu ngokumxuma kwawo. Uyawazisa okokuba akasenantolo nalamzi ka NGOMTI use Bhulorweni. Umfomkulu yena selemise Ivenkile yake e Koeni, malunga ne Tyalike yama Wesile pambi kwe Ntango ze Fandesi, apo ke afukame kona NEZISULU ZAKE, njalo-njalo. Impahla ekona ixenye yayo

Amakhuba, ngamani alula, Onoxsha Besali, bahleli bodwa, Amaxamba Eswekile ne Kofu, nngani elilula, Umgubo, nento yonke, Into Yonke Etyiwayo uhleli enayo, zizisulu. Ibhulukwe, Ibhathi njalo njalo, zonoxesha, ziyalala. Ihempe, Iminqwazi, Isali, Imikala.

Yizani kuzibonela ngokwenu.

Iseyile ne Dyokwe, ne Mqokozo, no Water-Faty, ne Tyeya, ne Planga.

Akukonto Ingekoyo.

A. J. Cross & Co.
E QONCE.

Ikaya Labantsundu.

(Ebelilelika Mr. Paul Xiniwe)

MAKOWETU ! Nangu umzi wenu, asingowabelungu. ABAHAMBI baya kukangelelwa ngawo onke amatuba ngenyameko. Amahasho sesona sitali sihabile intle, itshipu. Kwimpi Esebenzayo : Ukutya okuncamisa umxhelo, okomolezayo ngemali ecinane. Ukutya, ukupumla, ukonwaba. Imali yake yena uya kuyichita kwase kaya, ekubeni ama Jamani eyichita kumakowabo. Angatengela atengisele nabanina, mtonina emsitweni ongowona mikulu weli lase Maxhoseni. Ikuba litengwa ngokubonwa !

W. D. SOGA, Uminimiz. E Market Square, e Qonce.

OLUKA

Gowie Uluhlu Lwezityalo.

Luka APRIL.

APO izimeko zilungileyo i ROSES zinokutyalwa. (Uluhlu lwetu iwe Rose lwezixesha selungile.) Inokutyalwa Imiti yehlali yonke ne Strawberries.

I Flower Bulbs ezinjenge Ranunculus, Yacinth, Narcissus ne Snowdrop nazo zisenokutyalwa. Ezintshulayo mazinyanyekelwe kakulu; mazinyelwe futi maxa libalele

Hlwawela Itswele, Turnip, Ikapetshu, Imbotyi Ezibanzi, Lettuce, Beet, Spinach, Parsnip, Imigusho Radish, njalo njalo. Imbewu Ezilukumi Zonyaka neminyaka ngamatatu zisenokutyalwa.

Ixesha lokutyalwa Imiti Yeziqamo selikufuti, nomhlaba ke ngoko mahlale ulungisiwe. (Uluhlu lwetu lwemiti Yeziqamo lweli xesha lizayo selungile.) Hlwawela lertyisi ngo May.

KATA, Kutengiswa Tshipu:

ONGXAWU

ABA 2.000,

Kuqalela kwabancinane (1 gallon),

Kuse Kwabakulu (50 gallons).

Inkoliso inendawandawana, ngoko zitengiswa NGEHALAFU YEXABISO LAZO, (zitshipu).

YIZA KUBONA.

W. O. CARTER & CO.
Kingwilliamstown.
Uhlobo Lokubhalela.

BONKE abandibhalelayo ndozifumana incwadi zabo xa baqonde ibhokisi yam :

REV. EDWARD TSEWU,
1'0. Box 1551,
Johannesburg.

Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu ucelwa ukuba ukangelise lamayeza abalulekileyo. Elika

COOK Iyeza Lcisu Nokuxaxazo, 1/6 ibotile. Elika

COOK Iyeza Lokukholela (Lingamafuta), 1/6 ibotile. Aka

COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe, 9d. ibotile. Elika

COOK Iyeza Lepalo, 1/6 ibotile. Ezika

COOK Ijpls, 1/ Ngebokisana. Eka

COOK Incindi Yezinyo, 6d. ngebotile. Oka

COOK Umciza Westepu Sabantwana, 63 ngebotile. Oka

COOK Umgutyana Wamehlo, 6d ngeesiqunyana. Oka

COOK Umciza we Cesine. 1/6.

E QONCE.
uba ngangenkholiso angenalo igama lake

W. & C. GOWIE,
GRAHAM'S TOWN.
Telegraphic Address :
"OATLANDS."

ELIKA

ORSMOND YEZA ELIKULU

LASE AFRIKA.

Yincindi yengambu zemiti yelizilwe.

UMPILISI WEZILWELWE

Fzibangwa kungcola kwe Gazi, nokuba 10s. endaweni yeponi, bangabizi nzala, kuzo sihla bumini, ukule naso, nokuba sihle zonke izikwelifiti zabanyama ezihlalwe Lufeleni, Ukujaduka, Ukuti nqi kwe sisu, Izifo ezise Mbilini, Ubutataka, Intswela butongo, Ubutataka be Ngondo, Izifo zesi Fuba, nent' eninzi yezilwofwe zama Nkazana, njalo, njalo.

Kangela Encwadini abapiliswiweyo nendlela nangokugqite abekuko, waye otengke kubo ngemali esaneliswa kangakokuba enze impinda yokuya kutenga kubo futufuti; ngalendlela zindimbane ezitenga kubo betsalwa luhlobo abatengisa ngalo ezitorenzi zabo apo abantsundu bafumana okwanlisayo ngempali yabo.

Emva kokuli sebenzisa ixesha elide sele namava amaninzi umninilo, uliyaleza ngenqaniso ekiyezuka iyayzi pilisa inkoliso yezifo zabantsundu base Afrika, kwanle Fiva (cesina) yase Dayimani, kona kwesi sifo sabantu abamnyama liyi nqobo. Kawulilinge please. Litshipu, ibhotile zisheleni zontatu, izele lizeye elinga tata intsku ezilishumi. Ibhotide nganye ihamba nenwadi ene nteto yesi Xhosa.

Lilungiselelwa umninilo kupela ngu

G. E COOK

KING WILLIAM'S TOWN,
Linokuzwaza kwinkoliso yaba gcini mayeza kuyo yonke Ikoloni.

BONISANI,

ITYALI ENKULU EMABALA MABINI ngapandit inamabala abomvu namhlope ngapandit inamabala aluhlaza na brown (blue). Oyiifumeneyo wovuzwa maxa ete wayitumela kwi Ofisi ye " Mvo," okanye ku Mrs. CROWE, e Debe Nek.

Abahlolob Babantsundu,
BESIWA BEVUKA NABANTSUNDU

1. KUQALA

O HADNOTT & CO (Magqadaza).

EYONA VENKILE INDALA E KOMANI YA BANTSUNDU, babenzela amalungelo aneliso ngelixa lobuzima, bonke abanezikwelifiti kubo ukuza ku June, 1890, ngokuti bavume ukutabata nokuba li

2. KANJAQO:—

O HADNOTT and Co. (Magqadaza) batengisa koze nemali, ngamaxabiso ahliswe nangokugqite abekuko, waye otengke kubo ngemali esaneliswa kangakokuba enze impinda yokuya kutenga kubo futufuti; ngalendlela zindimbane ezitenga kubo betsalwa luhlobo abatengisa ngalo ezitorenzi zabo apo abantsundu bafumana okwanlisayo ngempali yabo.

Apo nine Ledi, u Nutyebisa, ukunitengela estoreni, ne " Mvo " niyileselwe ngapandle kwexabiso.

HADNOTT & Co. (Magqadaza),
ISITORA SOMZI ONTSUNDU,
QUEENSTOWN.



IZAZISO KWA BANTSUNDU.

ZEKOMKULU LASE KAPA.

ZISHICILELWA NGE GUNYA.

NGOLWESI-NE, APRIL 23, 1891.

UMTETO, No. 23 we 1879.

KUYAZISWA ukuba kususela kusuku lo 1st ku February, 1891, imimiselo ye Siqendu se 10 so Mteto ongantla siya kuqutywa ngama Polisa.

B. H. HOLLAND,
Imantyi.

Kingwilliamstown,
28 October, 1890.

Imimiselo ekusingiselwe kuyo yelandelayo :—

Wonke umntu ofunyenwe eyantaza, nokuba kusendleleni yabantu, okanye endaweni chanjwayo, okanye eseboniselweni yendawo ezizezo, engena zingubo zaneleyo kakuhle, wotatyatela ukuba ungumntu ongazipete kakuhle, abe netyala lokwapula lo Mteto. Angabanjwa nangapandle kwegunya la Komkulu, aye kuma pambi ko Mantyi, ne Justice of the Peace ebaluleyo, apatwe ngomteto, aze akufunyanwa enetyala njengoko kumiselwa nge Siqendu se 2 salomteto, abe nokohlwaywa ngezohlwayo ezimiselwe ngeso Siqendu.

Izohlwayo kogwetyiweyo pambi kwe Justice of the Peace ebaluleyo, kukufakwa entolongweni ixesha elingengapezulu kwentsuku ezili 14 esebenza mhlaumbi engasebenzi nzima, esitya mhlaumbi engaty amanzi etyuwa, etshixelwe mhlaumbi engatshixelwe yedwa, okanye nayipina yezonto ; okunye kogwety we pambi kwe Mantyi, wofakwa entolongweni ixesha elingengapezulu kwenyanga ezintatu esebenza mhlaumbi engasebenzi nzima, esitya mhlaumbi engaty manzi etyuwa, etshixelwe mhlaumbi engatshixelwe yedwa, okanye nayipina yezonto.

ISAZISO SAKOMKULU.—
NO. 292, 1891.

ISAZISO SAKOMKULU.
UBHALO LO 1891.

NENGOKUBA kuyinto enkulu nebaluleke kunene ukuba ziti zonke indawana eziposisekileyo zashiyeka kolu Bhalo lusand' ukupela kufuneka zilungisiwe, kwanokubalwa okuposisekileyo kwiziqendwana ezitile; u Rulumente uya babangozwa bonke abantu ababekuyo le Koloni ngobusuku be 5 ku April, 1891, abanenkolo enyanisekileyo, kwanezizatu zokokuba abazange babhalwe elu Bhalweni, nokuba ngabantu abaziwayo ukuba abazange babhalwe, nokokuba akuzange kukokiswe nto malungana nokubalwa kwabo nangalipina ixesha ; bonke ke abaziyo ukuba banjalo maze bancede baye kubhekisa ku Mkangeli wo Bhala we Rulumente uya kuyitabatale kuye nge 20 OCTOBER, 1891, yoti ukuze ingatatyatwa kube kufike abantu abati yeyabo, nangokuti bahlale imali elityala ku Mantyi weso Siqingata, njengo, ko kufunekayo kwesi Siqendu sikankanywe ngentla salo Mteto.

II. MCNAUGHTON,
Assistant Commissioner.

Umhlaba Okumandla wase Cumakala ekutiwa Ungolahlweyo. Oka Nangu, Isiza No 49, Intsimi No 263 kwi Sikolo sase Mgwali, ityala £3 15s. Tsoba Lambisa, Isiza No 70, Intsimi No 264, kwi Sikolo sase Mgwali, ityala £3 15s. Jonas Camanga, Isiza No 90, Intsimi No 291, kwisikolo sase Mgwali, ityala £3 15s. Martha Tshauka, Isiza No 138, Intsimi No 313, kwi Sikolo sase Mgwali, ityala £3 15s. Samuel Bacela, Isiza No 130, Intsimi No 311, kwi Sikolo Base Mgwali, ityala £3 15s. Samuel Faba, Isiza No 6, Intsimi No 222, kwi Sikolo sase Mgwali, ityala £3 15s. Adonis Fans, Isiza No 91, Intsimi No 228, kwi Sikolo sase Mgwali, ityala £3 15s.

ISAZISO SAKOMKULU.

NGOKUPATELELE KUMANDLA WE KOMANI.

KUYAKUTENGISWA pambi kwe nkundla yomantyi wase Komani ngexesha le 9 kusasa ngolwesi Bini, 5 May, 1891. Ilungelo Lokuqesha, nge Siqendu so Mteto XIII ngu No. 15 we 1887, umhlaba o morgen zii 400, kwisiqingata se Klaasmit, igama lawo yi Donker Harte Berg. Ixabiso lika Rulumente £7 10s ; i rent £10. L. MARQUARD, Umpatiswa Kucanda. Surveyor General's Office, Capetown, 4 Feb. 1891.

ISISHUMAYELO

NGU MHLEKAZI U SIR HENRY BROUGHAM LOCH.

Owe Ntshinga ye Knight Grand Cross, yodidi olubaluleke kunene lo St. Michael no St. George. Owamathshawe adume kunene e Bath, u Ruluneli no Mpati Oyintloko we Koloni yo Mntan' Omhle yase Cape of Good Hope, e South Africa, namazwana nezibhaxa zayo, ne Sandla so Mntan' Omhle, njalo njalo.

EKUBENI kufanelekile ukuba imiteto epatelele ekutengiseni irhuluwa, ne mipu ihlaziye njengoko kufunekayo kumazwe amiwe ngaba Ntsunda Pesheya kwe Neiba, Embo, Ebatenjini kade kuye kuti ga ngabase Rode nama Bomvana. Ngako oko, ngamagunya endiwanikeyo, ndiyashumayela, ndivakalisa ezindawo zilandelayo :—

1. Akuko rhuluwa, nambumbulu zemfakadolo, mipu, nanxalenye yayo, nazidopu ziyakupatwa zipume zisiwe nakuyipina indawo engapaya kwemida yale Koloni, ngapandle kokuba kufunyanwe incwadi ye mivume yemantyi yeso siqingata sinxulumene nalomda. Ote wazipata zonke ezimpahla zixeliweyo ngasentla ngapandle kwencwadi yemvume ka mantyi, yakuzihlulwa zilunge Komkulu, pezu kokwenjwajwalo uyakudlwa amakulu amahlam eponti (£500) okanye ahlele entolongweni iminyaka emihlanu esebensa nzima, mhlaumbi adliwe afakwe entolongweni.

2. Osukuba efuna imvume wokwenza oko ngokubhala epepni, xela lomphala apo ayisa kona nezinye indawo-ndawo ezingabuzwa ngumantyi walomandla.

3. Kungumteto okokuba ati umantyi walomandla ekunikeni lomvumo injalo abe nendawo ezitile zokufezekisa umnqosipo lowo ukuba uyabona ukuba kufanelekile, ayakuti ke umntu ota akapumela kakuhle ekuyifezekiseni lominqosipo yakwenziwa ekunikweni kwemvume, okanye wayapula, woba Sisisulu sokudlwa nokuhlala entolongweni njengoko sekuxelwe ngapambili.

4. Esi sivakaliswa siyakuhlokonyiswa inyanga zontatu. Kususela kolusuku lwanamhla, akusayikuba sadluliswa ngakumbi ngapandle kokuhlaziya ngokutsha.

TIXO SINDISA INKOSAZANA.
Sinikwa ngesandla sam nesincamatisele se Koloni ye Cape of Good Hope, ngomhla wa 25 ku March 1891.

HENRY BROUGHAM LOCH,
I Ruluneli.
Ngomyalelo ka Mhlekezi e Bhungeni.
P. H. FAURE,
Umpatiswa-Bantsundu.

ISISHUMAYELO

NGAMANDLA namagunya endiwanikeyo ngokupatelele kumteto we 1885 ongowokupatwa ngqongqo kwamasela entsiba ze ncimba nezikumba, ndiyashumayela, ndivakalisa okokuba lomteto emva kolusuku lwanamhlanje uyakuba namandla kumandla wakwa Komani.

TIXO SINDISA INKOSAZANA.
HENRY BROUGHAM LOCH,
I Ruluneli.
Ngomyalelo ka Mhlekezi e Bhungeni elipetyo, J. W. SAUER.

IMIHLABA ELAHLIWEYO.

ISAZISO SAKOMKULU.—
NO. 292, 1891.

Office of the Commissioner of Crown Lands and Public Works,
Cape of Good Hope, 1 April, 1891.

KUYAZISWA apa kumntu wonke, ngo- kwe Siqendu Sokuqala so " Mteto we Mhlabha Elahlweyo," No. 3 we 1879, ohlaziye nge Mteto No. 21 we 1887, ukuba ezi ziziba zemhlabha zilandelayo, eziku Mandla wase Cumakala, kutiwa iyelahlweyo, nokokuba u Rulumente uya kuyitabatale kuye nge 20 OCTOBER, 1891, yoti ukuze ingatatyatwa kube kufike abantu abati yeyabo, nangokuti bahlale imali elityala ku Mantyi weso Siqingata, njengo, ko kufunekayo kwesi Siqendu sikankanywe ngentla salo Mteto.

II. MCNAUGHTON,
Assistant Commissioner.

Umhlaba Okumandla wase Cumakala ekutiwa Ungolahlweyo. Oka Nangu, Isiza No 49, Intsimi No 263 kwi Sikolo sase Mgwali, ityala £3 15s. Tsoba Lambisa, Isiza No 70, Intsimi No 264, kwi Sikolo sase Mgwali, ityala £3 15s. Jonas Camanga, Isiza No 90, Intsimi No 291, kwisikolo sase Mgwali, ityala £3 15s. Martha Tshauka, Isiza No 138, Intsimi No 313, kwi Sikolo sase Mgwali, ityala £3 15s. Samuel Bacela, Isiza No 130, Intsimi No 311, kwi Sikolo Base Mgwali, ityala £3 15s. Samuel Faba, Isiza No 6, Intsimi No 222, kwi Sikolo sase Mgwali, ityala £3 15s. Adonis Fans, Isiza No 91, Intsimi No 228, kwi Sikolo sase Mgwali, ityala £3 15s.

ISAZISO SAKOMKULU.

NGOKUPATELELE KUMANDLA WE KOMANI.

KUYAKUTENGISWA pambi kwe nkundla yomantyi wase Komani ngexesha le 9 kusasa ngolwesi Bini, 5 May, 1891. Ilungelo Lokuqesha, nge Siqendu so Mteto XIII ngu No. 15 we 1887, umhlaba o morgen zii 400, kwisiqingata se Klaasmit, igama lawo yi Donker Harte Berg. Ixabiso lika Rulumente £7 10s ; i rent £10. L. MARQUARD, Umpatiswa Kucanda. Surveyor General's Office, Capetown, 4 Feb. 1891.

EDWARD T. JONES,
(Obefudula okwa Attorney R. W. ROSE-INNES.)

UNGU MTETELI-MATYALA,
Umbhali we Mvumelwano, no Mguquli-Magama Etailite.

E-KOKSTAD
EAST GRIQUALAND.

AMAYEZA

ADUME KUNENE, KA
JESSE SHAW (U-Nogqala),
E-BHOFOLO.

Enziwa ngemiti ekula apa e South Africa kupela.

LAMAYEZA aya yalezwa kakulu ngumninio, ngenxa yoku ngenelana kwawo nezo zilo enzelwa zona : ngenxa yoku kaula uku nceda oku ngawenzakalisi umzimba; ngenxa yobupantsi bexabiso lawo; ngenxa yokucoceka ekwenziweni kwawo; ngenxa yokungabi nasikwa letyefu; nangenxa yokuba enziwe ngemifutno engqinwayo ukuba ingamayeza.

UMPILISI WENENE (The Sure Cure).
Umciza onganzeza ukukupilisi ukuluma kwe nyoka, nezinye ininzi.

ELONA (Specific).
Elona yeza lesifo so Xaxazo lwe gazi nezinye izisu inkatazayo.

UM-AFRIKA (Africanum).
Umciza ongenzi xesha ukukupilisa Izinyo.

UMFUNO 'YEZA (Herbal Tincture).
Elingoyiswayo zingqangambo zendlebe, neze bunzi, nokubeta kwentloko yonke.

UMHLAMBI 'LISO (Eye Lotion).
Oyena mpilisi wamehlo abulalayo.

UMGEDI ORARAYO (Herbal Alkaline Aperient).
Eliqinisekileyo ukunceda ukungayi Ngasese, ukungatandi kudla, Icesine nento ezinjalo.

UHLIKHILA (Embrocation).
Amafuta omi okupilisa ukuqagamba komzimba, Ukuti-Nqi kwa malungu ukuzakaka, njalo, njalo.

UMDAMBI'USI (Soother).
Amafuta omi okupilisa ukutsha, ukutyabuka, ezinye.

UMNCWANE WESHLAHLA (Confection of Rhubarb).
Incindi yoku geda iziswana ezikatazayo zentsana, nesabantwana.

UMATINTELA (Antispasmodic).
Umciza, wukupilisa ukuqunjelwa nezitepu nezinye inkatazo.

UMOMELEZI WASE INDIYA (Indian Tonic).
Iyeza elilunge kunene kwizifo zokuba batataka, nokungatandi nlo ityityayo.

UBUGQI Magic Healer).
Amafuta akupilisa msinyane ukusikwa nezilonda njalo njalo.

IGUDISA (Emolliente).
Into elunge kunene etanjisiwayo ebona bubebuhle bugade ubuso.

UMGUTYANA (The Powder).
Lisetyenziswa nelj kutiwa "Lelona" xa isifo sokunamba igazi sendele.

Izalatiso zendlela yoku wasebenzisa zishicilelwe nokuzisikileyo zatitwa nea kwi bhotionala nezitofilana ngazinye, eziti zakulandela ngokufezekileyo akaze angapilisi lamayeza. Ngekungabiko kaya, nandlu, namhambi ungenawo lamayeza estirweqe sokulumkela okungekhili.

Akandwa onzwa ngu **JESSE SHAW**, Iqirha elisebenza ngemiziwe, e Bhotilo, atengiswa nguye nge bhokisi nange Bhotile namagosa ake kwinkoliso yedolopu zale Koloni yonke, e Natal, e Free State, e Transvaal, nase Indiya.

AMAGOSA ALAMAYEZA—
E Qonce—Dyer & Dyer, Malcomess & Co., D Drummond A Co.

E Ngqamakwe—Mrs. Savage.
E Monti—B. G. Lennon & Co.
E Rini—E. Wells.
E Dikeni—R. Stocks.
E Komani—Maget & Marsh.
E

KWABAZA KUTSHATA

KANIPO'SAMEHLO APA

Nitini ngesivato Somtshato esitungwe kwa

PASCOE (kwa "FOLOKOCO")

Kingwilliamstown. Yixeleni into embi kuso, ukuba iko.



ITYALI ZETU—UYEVA? ESPECIALLY ezabatshakazi. Ningalibali PASCOE (kwa Folokoco), ngezantsi kwetyalike ye Zikotshi, e Qonce, apo nom'bona kona SALUFU.

GIBBEED & BRYANT, KING WILLIAMS TOWN.

Imicako Yelokwe Zesitofu Emitsha, 4d, 6d, 7 1/2 d, 9d, 10l 1/2 d, 1s, nge yadi. Ikeshmiya Emnyama, ebungqingqwa bupindiweyo, 9d iyadi. I Satin e Brokedi Yokutshata 1'6-, 2/-, 2/6-, nge yadi. I Satin Zokutshata, 1/-, 1/6- nge yadi. Ilokwe Zokutshata. Iminqwazi Yokutshata. I Satin e Brokedi Yelokwe Zokutshintsha. Ityali Ezinamagqabi. Ityali Ezimabala Mabini. Iprinti ezibu Keshmiya, ezilungileyo kanye, 6d iyadi.

YONKE Impahla YOKUTSHATA iko apa.

GIBBERD & BRYANT.

Advertisement for Gibberd & Bryant featuring text like 'INTLANGANISO Yeliso Lomzi Ontsundu, KWA DALIWE, IYA kuhlangu mayelana nosuku lwe 28 ku MAY. 1891. Bonke abamkeli...' and 'KUFUNWA, IVEKI.' with various notices and dates.

Large advertisement for 'V. DOLD AND CO.' with text: 'KOKSTAD ADVERTISEMENTS. V. DOLD AND CO. BATEMBAHLA nange CASH. Banempahla emnini, enoncedo, e TSHIPU. Pambi kokuba utenge kwezinye indawo akwuye kuvela kwa V. DOLD & CO. Abatenga nge CASH bayapulelwa kakuhle.' Includes details about clothing and shop location.

ABAZELWEYO. DINGISWAYO.—Nge 10th March, 1891, intombi eziva yenci, ka Mr. Sikwebu, eyendlele kwa Mr. Dingiswayo, yabeleka UNYANA.

IMIBIKO. SIKWEBU.—Nge 10th March, 1891, kubhubhe kwa Nomaheya ngo 7 wakusasa u Nyana otandekileyo ka Thomas no Louisa Sikwebu, obudala umnyaka 1, inyanga 8, ogama lingu DAVIDSON DOUGLAS MKOMANZI I. J. SIKWEBU, emveni kokugula kwenyanga ezi 7, wagoduka ngeye 8. Izihlobo maza, mkele lombiko.

Imvo Zabantsundu

NGOLWESI-NE, APRIL 23, 1891

UKUNQUNYANYISWA EZIQINGATENI.

INYATELO elitatyatwe ngu Rulumeni ngomcimbi wo Tywala linconywa macalana onke. U Rulumeni uboniso ubuganga obukulu ekungeniseni icebo elijonge ekutinteleni utywala, ekubeni kuko iqela lama Bhulu elizimisele ukwenza konke elinako ukutintela amacebo angati enziwe ukuba utywala bungahambi. Ngendawo yokuba elinqanam balitabatileyo lilelanaleyo na, mhlambi abantu abasayi kuba luvo lunnye. Elilinga okwangoku ngati lisangqinelana kanye nomphunga woluntu lonke. Baninzi abanomnqweno wokuba antsendu angatengiselwa Kanye utywala — nabantsundu ngokwabo abayekile ukuzibongoza izipatamanda ukuba zibenzele oko. Baye beko nabanye, baye bebaninzi nabo, abayichasileyo indawo yokuba antsendu makangatengiselwa utywala, baye bekwenza oko ngokuvelana nabenzi bobutywala bubi kunene butengiselwa Abantsundu, bengakatali ngumonakalo obuwenzayo ebantwini. Kwakona, u Mr. HOFMEYR, Umkokeleli we Bonti, uliwisile elake icebo lokunga umntu antsendu angambhuhisa ngotywala ukuze eli libe lelabamhlope. Sizikankanya ezindawo ukubonisa ingxako abajongene nazo abo bangalungileyo lendawo yotywala, ngokubunqumamisa kanye kontsundu; ekusemhlotsheni ke ngoko ukuba u Rulumeni ekuyiyileni kwake lendawo wazivelela zonke ezinkalo. Tina kusanelisile ukuqonda ukuba u Rulumeni wenze ngangoko anako; kananjalo ngeyenze nangapuzulu ukuba ukwenjengalo bekungasayi kubangela ukuba alahlekwe nayintwana encinane anayo. Sikutsho oku ngapandle kwamatanda kuba sizazi izimvo se Nkulu-Mbuso, ote kuba engo yi Ntloko kwi De Beer's Company, ke ngoko eyazi inqubo yo Zikwati, wanika nolwaka uluvo oluqinileyo kulomcimbi. Kananjalo, njengo yintloko yale Komponi ikwelakwa Mzilikazi, uzimisele kungayimuleni kanye intengiso yotywala kulo lonke elo lipatise yena yi Nkosazana. Ukuba kungaba kungako bani ku Rulumeni ongaba yimbangeli yokuba elicebo lingapumeleli, ayingebe ngu Mr. RHODES; yaye kananjalo ingebi ngabo o Messrs. SAUER, MERRIMAN, no INNES, asebemelwe bona kukulixasa elicebo ngenxa yetentolo asebenzile; kwaye ke ukudibana kwengqondo zabo bekufanele ukwenza ukuba o Messrs. SIVIEWRIGHT no FAURE nabo boyiseke, nokubana bebenulovu olutenkileyo. Ke ngoko esona sigqibo sifika kuso sesokuba elicebo lelona u Rulumeni azifumene enako ukulinqaba, nakuba kodwa ebonomnqweno wokwenza ngapuzulu. Ukutsho ke sithi siya livuyela elicebo, ingengakuba sithi lifizekile, kodwa kuba ilinyatelo elisinga endleleni; elifanefe kengoko ukwamkelwa ngemvuyo.

Ukuqala, elicebo lifike likankanye Izitora ze Bhotile, iiti akusayikuba ngumteto ukuba abanale lasenisi batengise nge bhotile nganye. Ngelicebo amalungelo amiyo kone lasenisi aya kupeliswa; akuko lasenisi intsha iya kunikwa de kube kuko isininzi sabavoti esikufunayo oko kumandla we Felkornet ukuba kungapandle, nakwi Ward etile ukuba kungadopolini. Kwaye kananjalo nohlaziya ilasenisi yake ingayi kwamkelwa ukuba kuko abavoti abakuchasileyo oko. Intengiso yotywala ngemipanda iya kupeliswa; kwaye kumiselwa ukuba akuko ntengiso yatywala inokuqutywa ezitoreni, de ibe ligumbi elibucala. Ngokufutshane, unjalo ke umongo welicelwe, esithi tina lelona linga lokulwa nalenkohlakalo yonxilo ikoyo. Ngokumalunga nabantsundu, ekwakute ngokungapuzulu lamiselwa bona eliya qela laba Picoti Lunxilo, elicebo alisayi kuba naluzilo lukulu. Kwinqingili zabantsundu, apo bemi ngoko "buzwe," bambalwa kakulu abangabavoti. Ukuze ke ngoko elicebo lokutintela intengiso yotywala libe nokusebenza kuya kufuneka kwenziwe ezinye izilungiselelo. Bekungayinto elungileyo ukuba bebengati bonke abahlala Irafu Yezindlu banikwe igunya labavoti ngalo mteto; kengoko ukuba elicebo lingapumelela njengoko linjalo ngoku, alingebi nako ukubanceda abo ekumzuzo belinqwenela. U Rulumeni ufanelwe ngumbulelo ngalendawo. Yindawo eukumisa umntu wonke. Nase England lendawo iyetsula ingqondo zamadoda, kuba kutsha nje, kwi Palamente yakona, u Mr. JOHN MORLEY uvakalise ukuba Uzilo yeyona ndawo inkulu ukususela kwintshukumo apa eyayingokuchasa ukubokoka. "Onke amacebo

anokwenziwa okulungisa lentlalo, wagqala umkokele we Liberals ete adityaniswa, akangenzi nesiqingata esi ukulungisa intlalo ngokwazo nyameni, " nangokwase moyeni eluntwini " lwakowetu njengoko kunokwenziwa kukuhambeska kozilo." Kuyatembeka ukuba u Rulumeni wofumana inxaso kumntu wonke ngokungenisa elicebo loncedo— ngokungapuzulu maxa ete wongezelela nalendawo site sayivelisa.

UKUDANISWA KWE TEMBA.

INTLANGANO no Mr. SAUER, ebiseloko ikangelwe ngumzi omele i Qonce oko wati wtwasa umnyaka, ayibangako ngo Mvulo odlulileyo njengokuba kwaye kwaziwase kweleveki egqitileyo. Ute xa ese Monti lomumuzana ezimisele ukubuya ngase Qonce, e Dikeni, eyakugqita nase Bhofolo, wabizelwa e Kapa lucingo kuba olukaulezileyo lokuba abuye kwaoko, ahambe ko ngomkombe oyi Mexican ngokuhlwa kwalowo Mgqibelo esinga apo e Bhotwe. Owona mcimbi umandla asingawazi, kodwa kubonakele kungoko kumbi emelwe kugoduka. Ngo Mvulo ufikile umzi, waze " uyenqum " yona intlanganiso yamadoda avele kwizipaluka zonke, ezikude nezikufupi. Kuncede ukuba kubeko inene elibekekileyo u Mr. WILLIAM HAY, umveli onganzisiyo wentlango zakowetu, ote wawukuzana ngabuhlungu umzi kububi ote wakubo ukuposwa ngu Mr. SAUER, ate akadanisanga ukuba bamnyama bodwa, kwanabo bebenkangele ngemicimbi enge Hospital bebenqopisene ngo Mvulo lowo. Konakele into enkulu yomngobo obulungiselelwe emasimini ka Mantyi, wokubulisa Umpatiswa Koloni. Ute waselewuqgiba ukuwutuzela u Mr HAY akuti amapepa engaba ngomhlobo ukuya kwu Rulumente. Ngokoke uzibekele ukuba amakalale kulo.

Impawana.

SIDANE kweli' umzimba UKUHANJISWA ngenxa yokuhlulwa kwa-KOBHALO, bantsundu umsebenzi wobhalozimantyi ezitile. Kamba makube kubu sithi isiteto: " akulungile ukusitabata isonka sabantwana usipose ezinjani." Kuyazoka mhlope okokuba imiyalelo ka Rulumente yayiyeyokuba umsebenzi lowo unikelwe kwabantsundu ukuba kunokwenzeka. Kodwa ke abongameli-lubhalo base Kapa bona bamsulwa kulomnqweno wokuhlula abantsundu umsebenzi.

INDLELA yokubanjiswa INTO kwalomsebenzi ibibonwe ENGENYENIWE, ngu Rulumente le yokubhalwa zi Tithshala kwanamanye amadodana afundileyo antsendu kubantu bakowabo ibiyiyona. Ukuba bekuqutywe ngayo ngokwahlulwa-luhlwa izitibi zababhali zancitshiswa kunoku ukuze kungabiko mposiso. Ngoku lonakele kuba ite ixenye, emva kokulindela umhlabi intuku ezitile ngenxa kokubanjelwa kwake zizipaluka ezitile, yanyanzeleka ukuba mayimke ingabhalwanga, nakuba ibinqwanela ukunga nayo ingabhalwa. Akwaba bekungavela indlela yokubabhenza abo bate umnqweno ka Rulumente wokunga kubagalwala ngo Tithshala abantsundu, basuka bawutshitsisa.

WAYENYANISILE owati, EZONA kwiminyaka egqitileyo, NTSHABA ezona ntshaba zoko zezise ZAMAWETU, ndlwiyo yako. Kumandi kunene ukuba amanwete ahlahle eyazi lendawo yokubona engawumkhwana nje lomsenzu amadodana akweto afundileyo kungekeke le Mantyi pezu kokuba yena u Rulumente ebantanda ukunga ungenziwa ngawo. Azi kufuti kangakanamane lamanene esebenza ukuba amanwete asilele kwimisebenzi yabantu bonke. Siwenza nje lamanqaku sibangelwa lipa lase Kapa ekutiya yi Cape Times elifike lenjenje ukuteta kwalo ngalomcimbi. Ipepa elingumteto wabantundu lixele kwangapambili imposiso eyakwenzeka ekubhalweni kwabantsundu abahlala emanqungweni, kuba libe liwaba amapepa obhalo ngeye shicilelwe ngesi Xosa, kwaya kwamiswa ababhali abantsundu ukuba ibe ngabo abapete lomsenzu. Ke noko sixelelwe ukuba lento kunyulwe ababhali abamhlope kungenxa yecebo lemantyi za Peshala-Nciba ezinamava, nokokuba aze ati onke amagosa amhlope abuzise acokise ebantwini belali ngalo ngoko abanako. Eyoona ndawo sithi yona yeyokuba ubhalo olo alusayi kufezeka kwizitili zabantsundu njengoko beluya kubanjalo ukuba belupetwe ngabantsundu pakati kwamawabo.

KULEVEKI ipelileyo amadoda amabini angaweqela elipete umbuso ebeikozisa E Bhai. U Hon. J. X. Merriman utete kakulu ngemicimbi yokuma kwelizwe, wada waza kupatelela nakumcimbi ongabantu abantsundu. Makube ke ubesenza uburara xa ade wati, abamnyama kuyabonakala okokuba bayabatala ngengqwimba abamhlope ukubashenxisa kwelizwe. Ingaba ngumntu ongabaziyo ubuncoko lowo ungamvisisanga kakuhle Umginci-Ndeyob yombuso. Umchazi-Miteto yena unankanye ikakulu izinto ziyakubekwa pambi kwe Banda xa lihlangenele kwixesha elizayo, okokuba ze kubeko umteto wokuti abavoti bazinyulele ngokwabo ukuba utywala mabungatengiswa kwindawo abakuzo, indawo ke eyakwamkelwa kakubi ngabaxhisi inteto wentengiso yotywala; unankanye ukwandiswa kwamapolisa, ne ofisi zemingqophiso. Kweli lase Maxoseni Umpatiswa-Micimbi ye Koloni ubepakati kwentlanganiso ezininzi ezibete intiziyu kwantwazulubala ubuciko bake nokuyola bambazwi ake. U Mr. Sauer usipakamisile isihlalo salombuso wabo ekukangeleni kubantu abamhlope.

NGEMICIMBI YELAMA MPONDO. IHLAHLEKILE intloya kwimicimbi yelaseMa Mpondweni oyiisive nje UMHLANGASO yinkosi yake u SIGCAU; waza wati akoyiswa wazinikela ku Rulumeni, yena nabake. Namhla kunokulindelwa ukuba lenze iqalo elitsha kweminye imigaqo yempilo elozwe; baye abahlolo belaseMa Mpondweni besinga ingati lomikondo ikokelele etamsanqeni. Ezimfazwe pakati kwawo odwa zibe zibange abangabahlobo bama Mpondo njengati, bazaliswe lusizi; kuba isipelo sembambano sibe sikukuba upelele kumaxhalanga umhlaba wamawetu, kuba ke kukonakalelwa komzi wonke ontsundu. Ikwelele ke into ebipitizelisa elama Mpondo, into ekungayo kukuba, kuzakuba yintonina ngoku kweli? Ubulumko bobododa angabanzayo ngoku u SIGCAU kukuba acele kwangoku ku Mhlekazi I Ruluneli ukuba amkelwe pantsi

kwepiko lo Mntan' Omhle ngoluhlobo bamkelwe ngalo Abesutu. Kupela kwento engamhlangula kubantu abangxalangele imihlaba yabo. Eke wawela ezandleni ze Koloni, yona ayisakumlungiselela lonto, kuba ite nqa ngumhlaba yona; kodwa ama Mpondo anokuzizamela ngokwawo. Ikoloni— oko kukuti amadoda amakulu ayipeteyo —avumelene ukuba pambi kokuba abantu abasebenzanyameni njengama Mpondo, bangeniswe kubushushu bombuso wayo, kusalungile ukuba bake baqeliswe yi Nkosazana. Kwinteto asand' ukuyenza e Kimberley u Mr. RHODES uvakalise ukungabi namsebenzi kokukauleza ngepika ukufeza ezizinto; esitembayo akasakuba napika ngokuwangenisa pantsi kwe Koloni ama Mpondo. Ngenisebenzi yobunyama enjengokuntwaka nokubulawa kwabantu, impango yevenkile, njalunjalo, ezonto i Ruluneli inokuzikalimela ngokumisa ubu Rulumeni be Nkosazana obunjengobase Lusutu, kubungela kuba kungeko bulungisa bunokufunyanwa ngokuwagonyamela ukuwangenisa e Koloni ama Mpondo. Sibona upawu lwetemba tina kwisenzo sika SIGCAU ukuti akumxgOTA UMHLANGASO aputume u Mr. SCOTT; saye sitemba ukuba bayakubhunga ama cebo okunceda umzi nalowo nmuzana ungamhelo ka Rulumeni. Oko ebesebenzi UMHLANGASO ema Mpondweni ubengazanga wamkelwa u Mr. SCOTT, esithi namhla mayibe bekungamacebo ake. Ngokupatelele kwisiyo sika MHLANGASO akubonakali ndawo angaya kuyo apa kya Rulumente kuba elihlwempu naye kwakwelakowabo aye kuzibeka pantsi kwenkosi yake. Nguye owaye shumayela lonto nglaxesha ama Xesibe ayepambene no MQIKELA, akumavanga oko ukuba emke nomhlobo ukuya kwu Rulumente. Ngokoke uzibekele ukuba amakalale kulo.

IPePA lese Monti elingaliziwa teni kakulu nge netevu, ELINGELIHLE, ekutiya yi Dispatch, lithi libhekisa kwinteto ka Mr Rhodes awayenza kutsha nje e Dayimani; "Ayezi nto yabulumko Inku Embusweni xa ide ili xa ikankanya elaseMa Mpondweni yona itanda umhlaba kuno nigala." Asitandabazi ukuba elozwi belitetwa ngoburara; kodwa kubonakala ngati elozwi lilyasalanda ngakumbi, laye ko no Mr. Rhodes liyakumana imitunuka amaxesha ngamaxesha ngalo lonke ixesha asenteto nento zombuso wellizwe lase Afrika esezantsi."

IPePA lese Bhai i Tele-UKUKANGELELA graph likankanya inyaniso INGOMSO esand' ukuti inkanya KWA ezingqondweni zabo. BANTSUNDU. Nanga amanaqu omhlobo wetu: — " Ubininzi babantu abayazi ingqondo yokukangela ingomso kwabantsundu abangaba sebenzi e Dayimani. Kuti kumvuzwana olingeneyo banganeli kubanokuzinceda nje, kodwa babe nokulondolozela imalana econdakeyo ukuze bake bapumle unyaka nokuba mibini." Elopepa liyi Telegraph lihlomela indawo elihliswa yokokuba " Abantsundu abanokunyanzelwa ukuba bagcine imali yabo ezibhankini." LG mhlobo wetu makabe uyakuvuya ukuyi ukuba sebaninzi abamana bezama ukuziqelisa ngokuyigcina imali yabo kwibhanki zokulondolozza zakwa Rulumeni.

NGOCANDO LWASE XONKA. UMHLobo wetu u Bhushula (Mr. W. J. Hughes) waseXona uyayikalazela kaka indawo yokuba sibhekise ku Jenereta (Mr. Jener), imantyi yase Glen Grey mayelana nomcimbi wokuginyelwa kwemihlaba yabantsundu ngu Rulumente; kanti ke ukuwusingisa kwetu lomcimbi kungokuba inguye opete imicimbi yakwa Rulumente, kungekuko ukuba ongumntu nje ozipezayo. Kodwa ke sivuye kakulu ukumqonda ukuba u Mr. Hughes ukulowo lwetu kwindawo ezifuna ubulungisa kulomcimbi; kubake umke enjenje ukuteta " Kuyinyaniso ukuba kuvule inkalazo engatandekiyo kubantu abantsundu, ngendlela ate u Rulumente wenza yona, etumele ngemantyi yalapa, ngohlolobho abanika ngalo itaitile zeziqu zabo. Akuko namnye oqelene nezinto ezinje onkoko nomzuzwana omncinane ayikanyele indawo le yokukatazwa kwam— enndide ekugondweni kwam ndabona ukuba mandibavuse abantu abakwi sithi endiyi Felkornet kuso bangazininzi iziqiniselelo zemihlaba, kudo kube kugitywe kakuhle pakati kwabo no Rulumente." Siyatemba ukuba u Rulumente woyikangela kakuhle lendawo abo abenze abantu ukuba babuye bade nokumtomba.

IPePA lese Bhai ekutiya yi E. P. Herald linosizi ukubona ukuba Imbumba yama Bhulu igqibe kwelokuba uze lomteto wokukatsa ubuye uvuswe noko wawuke waqutlwa yi Palamente edluleyo. Kwaye kubanjene ngawo kakulu, wagvetywa ngamalungu angamashumi amatatu anesihlanu. Lamadoda matatu

UKATSO. IPEPA lese Bhai ekutiya yi E. P. Herald linosizi ukubona ukuba Imbumba yama Bhulu igqibe kwelokuba uze lomteto wokukatsa ubuye uvuswe noko wawuke waqutlwa yi Palamente edluleyo. Kwaye kubanjene ngawo kakulu, wagvetywa ngamalungu angamashumi amatatu anesihlanu. Lamadoda matatu

alaulayo kulo Rulumente o Messrs, Rhodes, Sivewright, no Mr. Faure ayewuxhasile, kodwa o Messrs. Innes, Sauer, no Merriman baye bowuchase shushu. Singahlala ngolonwabo ke ukuba akusayikube kubeko nawupina umntu ongu Rulumente ongacukumisa lomteto unje. U Mr. Hofmeyr akazange atete okanye avuwolelo lomteto kuba wayengoko eye o Transvaal, xa kwakuxoxwa ngawo. Akanako ukuwuxhasa u Mr. Hofmeyr umteto onje. Ne Bonti lomcimbi ngelivuyeka. Ungasuke umteto onje ube lihlahlo kwo nasekuntwini lonke lwelizwe.

Iziganeko zika Sikwa, igqira apa lase Amerika elenza izanga, zixwaxake umsi. Kamba ubese Qonce ngeziveki zigqitileyo; alike wasebenza abantu abatile abebesebe. Neminyaka bengakona ukuzisebenzisa izito zabo, ngetuba lesifo samatambo. Wala kumntu obamba ngemiti, ekwelisive ngqwelaneni yake, akade lowomntu uyakuhla ezihlabeni. Lamafuta kasebenza ngawo ahlikihlwa ukuba angene emzimbeni aze enze lemangamalo. Udumo luka Sikwa luacane lonke, ongfika izingqimba abantu abayimilwele emva kwake.

Ngumfelo onyanga ngokuhlwa anyangela ngqwelaneni yake apa entle, eyenziwe ngohlolo lwayo ledwa. Kutwira akayi ndlwiyo yamntu, wonke ofayo makeze kulenqolvo. Enye into atshatshatayo kuyo u Sikwa kukurolo amazinyo. Uwarolwa kwangokuhlwa mawo. Unzebano apa ezikulu ezikanyisela lomakulu abantu ati adibane ukuba kubonela nokupululwa inteto zake. Kuba umfo lo unyanga eteta encoma amayeza ake ebhona ngoko kanj iko. Ungafika eze zihlwele zimpululwa ngemvume, ezitisa ngamandla zingxola, zitomele. Ikakulu uti akasekileyo mali, kukunceda abantu, abangati abangamahlwempu bawanikwe ze. Nabakude bangeza ukuba kufuneka beziswe ngetretri benganakuzibhatelela wobarolela imali yokuhamba. Kuko isixaki sento esinjalo esifikileyo.

Umcimbi welungelo levoti awudli ngakusilela ezingxoxweni ze Bonti. Ngoku ibise Kimberley kuvunyelwene kwelokuba kuzanyelwe ukuba umntu onamakulu amabini epenti abe nevoti ezimbini. U Rev. J. S. Du Toit, umakele we Bonti, ulityile elicebo ngelithi jongwe ekungumzezi amandla evoti zabamnyama ekutiya "yivoti yemigqweto." Nyakenye kwaye kuvunyelwene kwelokuba linuyuse lipakame pezu kwentloko zabamnyama ihlungelo. Akubo temba lokuba onke lamacebo anokupumelela.

Wobuye angatena e Khabatini Lo ngumbuzo wom'bhaleli ostiumele elinqakwana: " Ngolwesi No, the 9th, enye indodana e Kimberley ete isasingete udiya wayo endlwini yomlungu bave ngesihlangu sesisitho kulufu, ite inkewu yakutwala amehlo yamtabata intombi yamposa e khabatini (cupboard) yavala ucalo, kute kanti kudo ngubo ezisazakulwala kule cupboard, ute akuti gqi amlunguzazi wafika kuyo intombi lo, wotuka kakulu umlunguzazi, yaye intombi bazona ikala ngokuti ngu cousin wami, bendivokwi ukuti uyakulwa wakumbona apa. Asazi ke iposene nesonka sayo, kuba igxotwe sitanje. Unkabi lowo yena wonwabile."

SEBEBABINI abantu abasantanjeni ngase Somersert East ngobudlweni nokungcola kubantwana babo. Omnye uwe Pearson u Pieter de Beer, omnye e Somersert ekaya.

IBINTLANGANISO yomzi ontsundu e Sheshego ngo Mvulo weweke egqitileyo ukupulupula imvo nokunikana uluvo komzi obanyuli bantsundu no Mr. Tamplin kwinto zombuso.

Ibhatyi Ibhulukwe Ibhatyi Ihempe Ihempe	Zelanga zelinene Zehlobo ze Holland ze Tennis Ezimbhlope Zokusebenza	7s. inye. 5s. nge par. 4s. 6d. inye. 2s. inye. 3s. inye. 1s. inye.
---	--	---

ELIPEPA LIPUMA
NGOLWESI-NE
IVEKI ZONKE,
Lijonge Ilungelo Lomzi
kupela.
Limele imfanelo ya Bantsundu
ngapandle koloyiko.
Alicatuli Sizwe nalu
Nqulo.



Lirolelwa 3/6 nge Kwata
(itunyelwe ingekapeli)
4s ipela i Kwata ingarolwanga.
Unokuhlalelwa wonke
Unyaka ekweleni
kwawo nge 13s 6d.

Izaziso Zabazelweyo,
Abatshatileyo, Nemibiko,
irolelwa 2s 6d, zingene kanye ;
3s 9d kabini ; 5s katatu.

Imvo Zabantsundu.

(NATIVE OPINION)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-NE, APRIL
23, 1891.

[Vol. X, No. 338

KING WILLIAMS TOWN ADVERTISEMENTS.

KING WILLIAMSTOWN ADVERTISEMENTS.

GRAHAMSTOWN ADVERTISEMENTS.

DYER-DYER

KING WILLIAMSTOWN.

IMPAHLA EZINTSHA,

(Ngo Stemele bonke).

IMINQWAZI YOBOYA, IMINQWAZI YE STROYI, IMINQWAZI YE
STOFU Intlobo-ntlobo— yamanani onke.

Zonke intlobo zengubo Zamakwenkwe, Zabafana, nezamadoda.
Ibhulukwe zekodi ezisikiweyo ziqalela kwi 6/6 nge par.
Impahla Entsha, Amapini, ibhola, ne Not ze Tennis ozisand' ukwamkelwa.

IMPAHLA YE BHOLA.

IBATI, IBHOLA, IZINTI, -EZONA ZITSHIPU E KOLONI.-ZININZI
ZENZIWE NGABONA BENZI.

GQALA, —I Club zitengiselwa ngamanani elungelo,

Isuti zamadoda ezisikiweyo ziqalela ku 50s.

(Iziziba nento zokuzimejela, zinikwa ngosisa kozifunayo).

Intlobo ezihleliweyo zokucitshwa, ze Zitofu, ze Diagonal, ze
Serj, Zezitofu ezitofotofu, ze Kodi.

Umsebenzi, uhlobo, kwanokummila umntu,—
Kungabekelwana ngako.

IVENKILE ETSHIPU E KOLONI

DYER NO DYER,

KING WILLIAMS TOWN.

£2310

BALIMI: KANGELANI APA!

IXESHA LOKUTYA LO 1891.

SINOVUYO olukulu ekwaziseni ukuba sizimisele ukutenga amanani
amakulu, kususola kwingxowa enye kude kuye kuma
waka amahlanu, xa isampulu zizezilungileyo, INGQOLOWA,
IRASI, IMBEWU YEHAFILE, UMBONA, AMAZIMBA,
IMBOTYI, ITAPILE, njalo-njalo,
Ngamanani Apakamileyo ase Markeni NGE CASH
Iptshana elixela ubunzima namaxabiso, liya kunikwa umtengisi ngamnye.

ISEBE LOKUTENGISELA

Kuya kusivuyisa kunene ukutabata umsebenzi wokutengisele nabanina INKUNI, IHABILE,
UMBONA, okanye nantonina kwi Marike Yakusasa. Sokupa nomntu oyaziyo idolopu ukuhamba
ne Nqwelo. Sibiza imalana encinane ngokutengisele umntu.

GILBERT FOX and SON,
MARKET SQUARE, KING WILLIAMS TOWN.

WOODROW & HOWARD

BAFUNA ukwazisa izihlobo zabo Ezintsundu ukuba baqale
ibhizinisi yokutetela Ifandesi (Auctioneers), njalo-njalo, kwivenkile
endala ka WHITLLE, baye beya kuvuyiswa kukufumana impahla
yentlobo zonke, eya kutengiswa wakamsinyane ngalo mini ye fandesi.

LADY FRERE ADVERTISEMENTS.

J. W. GARRETT & CO,
LADY FRERE,
IZITORA EZITSHIPU

Ingubo Zamaledi, Iswekile Nekofu, nento zalowomkondo, Izihlangu, Ingubo Zamadoda, Isali
nempahla yalowomkondo, Ubugoxo bento ezifunwa nangumzi Obomvu.

*Kunikwa amaxabiso angapezulu ngo BOYA, IZIKUMBU, UKUTYA, ne MPAHLA
EHAMBAYO.*

Beauchamp, Booth Co.

(EBIYEKA J. J. IRVINE & CO.)

Ivenkile YE MPAHLA EZIBUHLUNGU

NGAMAXABISO ANGATSHIPU.

ITYALI-Zintle kodwa ziyalahlwa, ziqala kweze 4/6 to £2
inye.

I PRINTI ezi "best" ezihlanjwayo 6d. yard.

Edluliseleyo itshipu i Satin Emhlope ne Cream

i Muslin yokunxiba enemigca 4 ½ d. yard.

I Satin Ezimbhlope nezi Cream, 10 ½ d., 1/-, 1/6 nge yard.

Ingubo Zabatshakazi ezenziwa nge zintsha ifashini.

Iflawa Zabatshakazi. Izigubungelo Zabatshakazi.

Ingubo Zokutshata Zamadoda, Izitofu zokwenza Ibhulukwe
Zokutshata Ziyasikwa.

Ibhatyi Ezimnyama ezi "best" Zetwidi.

Yizani kuzibonela ezimpahla ngokwenu.

Ngapambi kokuba nitenge napina

ziyani ko

BEAUCHAMP, BOOTH&CO.

E-QONCE, KINGWILLIAMSTOWN.

"THE ARCADE."

PEACOCK BROS. & WEIR,

NGOKU BANEMPAHLA ENINZI EKETIWEYO

Yabo BONKE Ubuqheleqhele

BAMANKAZANA.

IMPAHLA ZAMADODA,
IZIHLANGU,

I SHOES, njalo-njalo.

Lempahla ilungele Abantu Bonke, Amaxabiso Onke, Nendidi
Zonke.

NGOBUHLE NANGOKOMELELA AYINA KUDLULWA NAYIYIPINA.

Abo bangaba banento abayifunayo
elunge nezi zinto zingentla boba baya
zinceda ngokutyelelela

"THE ARCADE,"

E KOMANI.

AMAFANDESI KA J. D. ELLIS.

UMTELELI-FANDESI u ELLIS utengisa e Qonce yonke imihla emva kwe Malike
yakusasa—ngo Mqibelo kuhlala kuko Impahla yokufuya etengisayo.

Amafandesi ake Empahla Ehambayo abako

E-MTONJENI, KEI ROAD ngolwesi-TATU Iwesibini ezinyanga zonke.
E-TOLENI (DOHNE) E CUMAKALA ngolwesi-TATU Iwesine zonke inyanga.

Kuyo yomibini lemisito Abatengayo banokufumana Igusha
ne Nkomo.

Bonke abezisa impahla yabo kuye ukuba ayitengise bangahlala besazi
ukuba baya kufumana awona maxabiso alungileyo.

Kobhalelayo: J. D. ELLIS, Auctioneer,
Kingwilliamstown.

Kubo Bonke Abalesa Imvo.

BANGABA banceda kwa Ipepa lendaba labo abantu
bakowetu ukuti, xa basukuba benento abafuna
ukuzitenga, bavelele, ngangoko banako, kuzo zonke indawo
Ivenkile ezimpahla ihlokonyiswe ngezaziso kwi "Mvo."
Kungalilungelo nakubo bengayifihlana lonto kubanini-
venkile.

GRAHAMSTOWN ADVERTISEMENTS.

BON MARCHE

E RINI

Sineyona mpahla ininzi, nentle esi
Xekweni apa.

ONKE AMAGUMBI ANEMPAHLA EKETIWEYO.

Ezona Printi zintle 4 ½ d ne 6d nge yadi. I Galatiya 6d ngeyadi. Ikeleko
Emhlope ne Brown, iqalela kwi 2 ½ d nge yadi. Iflanelo 3 3/4d nge yadi.
Ilinzi 4 ½ d ngeyadi. I Sunshades 1s inye. Ikwiliti 2s 11d inye. Itawuli 3d
inye. I Cretomes 2 ¾ d nge yadi.

IMPAHLA YAMADODA

YONKE IYELUNGILEYO :

IBHULUKWE ZEKODI ziqalela kwi 4s 6d inye.
IBHATYI ZEKODI ziqalela kwi 10s 6d inye.
ISUTI ZETWIDI ziqalela kwi 14s 9d.
IHEMPE ZOKUSEBENZA ziqalela kwi 1s.
IHEMPE EZIMHLOPE 2s 11d.
IMINQWAZI iqalela kwi 2s 6d.
IKAUSI ziqalela kwi 4 1/2d nge pair.

INDLU YAMANENEKAZI

Yonke Impahla yabaza Kutshata iko.

Ilokwe Esezitungiwe, nabo bonke Ubuqheleqhele
bamankazana, bunokwenziwa ngexesha elifupi.

JOHN W. BAYES & CO.,

Kwi Kona ye Bathurst Street ne Church Square,

GRAHAMSTOWN

fl11290

KING WILLIAMS TOWN ADVERTISEMENT.



LEMINYAKA I 18

IGQITILEYO,



SINGENISE KWELI LIZWE

IBLANKETE ZOBOYA

EZILUKWE

NGOBUGCISA

OBUBODWA, *Igama lazo yi EXTRA NAVY
or MATTROSS.*"

Kungeniswe ngabanye intlobontlobo ezifana noluhlobo ;
esigqibe ke kwelokuba SIZIPAULE i BLANKETE
ZONKE ngopawu esilunqinisele na Komkulu ngohlobo
lwemifanekiso le yongamele lenteto.

Ukuba ufuna IBLANKETE YEYENENE,
kangelisa kunene ukuba inawona
umfanekiso we NGONYAMA
kwelinye LAMASONDO ayo.

ZONKE EZI BLANKETE ZIZEZINGATANDATYUZWAYO.

ZONKE EZI BLANKETE ZILUNGILE ZITE GUNGQU.
IBLANKETE NGANYE IYAYIVELA IMBOLA.

Kwivenkile enitenga kuzo-ke bizani Iblankete
ezinomfanekiso we Ngonyama.

Ziya kubako kuzo zonke ivenkile za Pesheya
kwe Nciba nase zidolopini zonke,

APO ZIPAKULWA KONA KUZO

PEACOCK BROS, and WEIR, E QONCE.

Ngabo bodwa abanokubhala lomfanekiso we Ngonyama

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjengo kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE no MARSH,

E Nyutawini nakwisitalato esipambi
kwe ofisi ngase mcantcatweni.